# Isiqulatho


## Ukuqhelanisa

Iveki yoku-1
IzaKhono zoBomi: Iphepha lokuncamathelisa imifanekiso namanqaku ........ 2
UNqaba owonqenayo ........ 3

## Mna

Iveki yesi-2
IzaKhono zoBomi: UkuFunda noTitshala imihla ngemihla ........ 7
UkuPhulaphula nokuThetha: Usuku lokuqala lwesikolo ........ 8
UkuFunda noTitshala: Yintoni okwazi ukuyenza? ........ 9

Iveki yesi-3
IzaKhono zoBomi: Yenza isihlukuhli somculo ........ 12
UkuPhulaphula nokuThetha: Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa ........ 13
UkuFunda noTitshala: Siyakwazi ukudanisa ........ 14

## Abahlobo

Iveki yesi-4
IzaKhono zoBomi: Masithelekise ........ 17
UkuFunda noTitshala: Siyayithanda ikeyiki ........ 18

Iveki yesi-5
IzaKhono zoBomi: UVusi utyelela kuloSipho ........ 22
UkuFunda noTitshala: UNgonyama noMpuku ........ 23

## Isikolo


Iveki yesi-6
IzaKhono zoBomi: Uluhlu lweyunifom yesikolo ........ 27
UkuFunda noTitshala: Ubhaka wesikolo ........ 28


Iveki yesi-7
IzaKhono zoBomi: Yintoni umnyama? ........ 32
UkuFunda noTitshala: Iikhrayoni ezintsha ........ 33

## Imikhwa eyimpilo

Iveki yesi-8
IzaKhono zoBomi: Ukulala kakuhle ........ 37
UkuFunda noTitshala: UMvundla noFudo ........ 38

Iveki ye-9
IzaKhono zoBomi: Hlamba izandla zakho ........ 42
UkuFunda noTitshala: Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle! ........ 43





**Iveki yoku-1**

**IzaKhono zoBomi: Iphepha lokuncamathelisa imifanekiso namanqaku**

- **Ukukhumbula:** Vala incwadi ubone ukuba ngubani ozikhumbula zonke izinto.
- **Ukukhetha:** Uthanda le okanye leya?
- **Ukuqashela:** Le nto ityheli kwaye imnandi. Yintoni?
- **Ukuthelekisa:** Zifana njani? Zahluke njani?

# UNqaba owonqenayo

Iveki yoku-1



Kudala dala kwakukho inkwenkwe enguNqaba. Wayeneminyaka esibhozo. (*Mingaphi iminyaka yakho wena?*)
Wayeyinkwenkwana eyonqena kakhulu. (*Yho! Awonqeni wena, anditsho?*)
Wayethanda ukuhlala phantsi komthi emthunzini **imini yonke angenzi nto**. (*Jonga emfanekisweni. Uyambona uNqaba ehleli phantsi kwalaa mthi?*)

Imilenze neengalo zikaNqaba zadinwa bobu buvila bukaNqaba. (*Khawundibonise **eyakho** imilenze … neengalo … nomlomo.*)
Iingalo zakhe zathi, "Nqaba, shukumisa iingalo zakho. Hamba uye kunceda umama wakho ohlamba iimpahla."
UNqaba akazange ashukume.
Imilenze yakhe yathi, "Nqaba, shukumisa imilenze yakho. Hamba uye kunceda utata wakho ohlakulayo."
UNqaba akazange ashukume.
Umlomo wakhe wathi, "Nqaba, shukumisa umlomo wakho. Hamba uye kunceda umninawa wakho ofunda incwadi."
UNqaba akazange ashukume.
UNqaba wazilalela nje elangeni **akenza nto**.
Imilenze yakhe neengalo zakhe nomlomo wakhe zathi, "Kufuneka simfundise isifundo uNqaba. **Kufuneka** simfundise ukuba ayeke ubuvila. Ukuba **yena** akasebenzi **nathi** siza kuyeka ukusebenza."

UNqaba zange aqaphele ukuba imilenze yakhe neengalo zakhe nomlomo wakhe ziyekile ukusebenza. Wazilalela nje elangeni akenza nto.



Ilanga laliqala ukutshona ke ngoku. Kwaqala ukubanda. UNqaba waqala ukuziva elambile. "Lixesha lesidlo sangokuhlwa ngoku," wacinga njalo ngolonwabo. "Mandiye endlwini."
UNqaba wathi kwimilenze yakhe, "Shukumani milenze, kufuneka ndingene endlwini ngoku." Imilenze yona yathi, "Hayi Nqaba. Siyekile ukusebenza."
Wanendawana yokoyika uNqaba. Wathi, "Shukumani zingalo zam, ndifuna ukukhweba umninawa wam aze kundinceda."
Azavuma iingalo, zathi, "Hayi Nqaba. Siyekile ukusebenza."
Woyika ngaphezulu ngoku uNqaba. Wathi, "Shukuma mlomo. Kufuneka ndikhwaze umama ndithi makeze kundinceda."
Wathi umlomo, (*Ucinga ukuba wathini umlomo?*) "Hayi Nqaba. Ndiyekile ukusebenza."
Usizana olunguNqaba. Akakwazi ukushukumisa imilenze, okanye iingalo zakhe, okanye umlomo wakhe!
(*Uza kwenza ntoni bethu?*)




Latshona lona ilanga, kwakhawuleza kwaba mnyama, kwabanda. UNqaba wayekwazi **ukubona** umama notata wakhe kwanomninawa wakhe bephakathi endlwini kodwa **wayengakwazi ukushukuma**.
*(Usizana olunguNqaba.)*
Weva umama wakhe ekhwaza, "Nqaba, Nqaba. Uphi? Ngena endlwini lixesha lokutya ngoku!"
*(Ingaba kuza kwenzeka ntoni ngoku? Ingaba uNqaba uza kuhlala phandle ebumnyameni ubusuku bonke? Ucinga ntoni wena?)*
Waqala walila uNqaba. "Ndiyanicela milenze, nani zingalo, nawe mlomo, **ncedani** niphinde nisebenze. Ndiyagodola kwaye ndilambile. Ndifuna ukushukuma. Soze ndiphinde ndonqene."
Imilenze yakhe neengalo nomlomo zamsizela, zaze zathi, "Kulungile ke Nqaba. Siza kuphinda sisebenze, kodwa kufuneka **uyeke ukonqena.**"
"Ndiyabulela milenze, nani zingalo, nawe mlomo," watsho uNqaba. "**Andisoze, nanini na** ndiphinde ndonqene."



Emva koko watsiba uNqaba, wabaleka kangangoko anakho wagoduka. Wayewayizelisa iingalo ekhwaza, "Ndilindeni bethuna! Ndilindeni! Ndiyeza!"


# UkuFunda noTitshala imihla ngemihla

1




Qoqosha idesika.

2



Yiya emethini.

3



Hlala kwindawo efanelekileyo.

4



Funda.

5



Yiya edesikeni.

**Iveki yesi-2**

**IzaKhono zoBomi**

Fundani ipowusta kunye.


- Ingantoni le powusta? Yeyiphi indawo esixelela loo nto?
- Asixelela ntoni amanani?
- Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye? Kutheni sifanele senze oko?
- Kufuneka senze ntoni **kuqala**? **Kulandele ntoni**? **Nantoni**? **Emva koko**? **Ekugqibeleni**?

# Usuku lokuqala lwesikolo

**Iveki yesi-2**
**UkuPhulaphula nokuThetha**

**Phulaphula uthethe**

- Yintoni abakwazi ukuyenza aba bafundi?
- Yintoni okwazi ukuyenza wena?



# Yintoni okwazi ukuyenza?



**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ngubani igama lentombazana?
- Yintoni akwazi ukuyenza?
- Uhleli nabani?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi **amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- Yalatha igama **uyakwazi**.
- **Siqala** phi ukufunda amagama?

ULihle uyakwazi ukutsiba.

Iveki yesi-2

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ngubani igama lenkwenkwe?
- Yintoni akwazi ukuyenza?
- Uhleli nabani?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi **amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- Yalatha igama **uyakwazi**.
- **Siqala** phi ukufunda amagama?



UThabo uyakwazi ukukhaba.



**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani obambe ibhola?
- Ingaba abafundi bamangalisiwe?
- Yintoni enye ekwazi ukuyenza inja?
- Yintoni abakwazi ukuyenza abantwana (engakwaziyo ukuyenza inja)?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi **amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- Yalatha igama **uyakwazi**.
- **Siqala** phi ukufunda amagama?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ndibonise ukuba uLihle/uThabo/uSipoti bakwazi ukwenza ntoni. (ngeentshukumo)
- Umdlalo wokulinganisa uthe cwaka: Umfundi wenza iintshukumo. Abanye kufanele baqashele ukuba wenza ntoni.
- Ngababini: *Molo, igama lam ngu … ndiyakwazi uku …*
- Phindani intshukumo ehambelana nesicengcelezo kunye. (jonga kwiphepha 14 leNT)

# USipoti uyakwazi ukubamba.

# Yenza isihlukuhli somculo



**Udinga:**


- izinto ezincinci
- ibhotile ecocekileyo enesiciko
- ifanele yephepha

**Emasikwenze:**

1. Faka ifanele ebhotileni.
2. Galela izinto ezincinci ebhotileni, ungayizalisi.
3. Vala ibhotile uyiqinise.
4. Hlukuhla ibhotile!



# Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa



**Iveki yesi-3**
**UkuPhulaphula nokuThetha**

**Phulaphula uthethe**

- Zeziphi izilwanyana ozibona zidanisa?
- Ngubani ongadanisiyo?

# Siyakwazi ukudanisa

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- **Funda lonke ibali.**
- Cacisa ukuba ifoto yahluke njani kumzobo.
- Buza:
  - Loluphi uhlobo lomdaniso olu?
  - Nakhe nababona abantu abadanisa olu hlobo?
  - Phi/nini?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- **Phinda ufunde ibali kunye nabafundi, ume kwiphepha ngalinye.**
- Yalatha emfanekisweni. Yalatha emagameni.
- **Mangaphi amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- **Siqala** phi ukufunda amagama?
- Yalatha kula magama **ayakwazi/abantu**.



Amakhwenkwe ayakwazi ukudanisa.



**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Loluphi uhlobo lomdaniso olu?
- Nakhe nababona abantu abadanisa olu hlobo?
- Phi/nini?
- Yeyiphi imibala oyibonayo emfanekisweni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- **Phinda ufunde ibali kunye nabafundi, ume kwiphepha ngalinye.**
- Yalatha emfanekisweni. Yalatha emagameni.
- **Mangaphi amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- **Siqala** phi ukufunda amagama?
- Yalatha kula magama **ayakwazi/ amantombazana**.

# Amantombazana ayakwazi ukudanisa.

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Loluphi uhlobo lomdaniso olwenziwa ngumntwana ngamnye?
- Nakhe nababona abantu bedanisa olu hlobo?
- Niyakwazi ukudanisa olu hlobo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- **Phinda ufunde ibali kunye nabafundi, ume kwiphepha ngalinye.**
- Yalatha emfanekisweni. Yalatha emagameni.
- **Mangaphi amagama** owabonayo kweli phepha? (bala uqhwabe)
- **Siqala** phi ukufunda amagama?
- Yalatha kula magama **siyakwazi/sonke** ebalini.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ndiboniseni indlela adanisa ngayo amakhwenkwe kule ncwadi.
- Ndiboniseni indlela adanisa ngayo amantombazana.
- Ngowuphi umdaniso enithanda ukuwenza/ enikhe nawubona?
- Masidanise!
- Phindani isicengcelezo sentshukumo kunye. (jonga kwiphepha 28 leNT)


















Sonke siyakwazi ukudanisa.

# Masithelekise

| | Ubungakanani | Imilo | Umbala |
|---|---|---|---|
| ivatala  | inkulu |  |  |
| ipayinapile  | inkulu |  |   |
| ibhanana  | iphakathi |  |  |
| i-orenji  | iphakathi |  |  |
| iidiliya  | zincinci |  |  |

**Iveki yesi-4**
**IzaKhono zoBomi**

Fundani kunye itheyibhuli.
- Imalunga nantoni itheyibhuli? Yeyiphi indawo esixelela loo nto?
- Yintoni efanayo xa sithelekisa ezi ziqhamo?
- Yintoni engafaniyo?
- Yintoni efanayo kodwa engekho kwitheyibhuli?
- Yintoni engafaniyo kodwa engekho kwitheyibhuli?

# Siyayithanda ikeyiki

Iveki yesi-4

**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- **Fundani ibali, nime kwiphepha ngalinye.**
- Ucinga ukuba la makhwenkwe ngabahlobo?
- Baphethe ntoni? Ngoko ke kuxesha lini? (*lixesha lokudlala/lokutya*)
- **Wena** uza nokutya, uthenga ukutya, okanye ufumana ukutya esikolweni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Cacisa ngale nto isisivakalisi (*liqela lamagama elibonisa ingcinga/uluvo olunye*). Isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu sigqibele ngesingxi.
- Mangaphi amagama akweli phepha? Zingaphi izivakalisi?
- Ndibonise unobumba omkhulu nesingxi.
- Bonisa unotsheluza wegama ngalinye. Abafundi bangqamanisa oonotsheluza namagama asembhalweni baze basebenzise igama ngalinye kwisivakalisi abasithethayo.

**Oonotsheluza**

ndiyakuthanda

Mna | kwam



UThemba noTim.




Iveki yesi-4

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Zintoni ezintathu ezikwibhokisi yokutya kaThemba?
- Uyasithanda isonka/ ijusi/ama-orenji?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi amagama akweli phepha? (bala uqhwabe)
- Zingaphi izivakalisi? Ubona njani? (*oonobumba abakhulu, izingxi*)
- Yalatha amagama **ndiyakuthanda/Mna/ kwam**.
- Bonisa unotsheluza wegama ngalinye. Abafundi batshatisa oonotsheluza namagama asembhalweni baze basebenzise igama ngalinye kwisivakalisi abasithethayo.

# Mna ndiyakuthanda ukutya kwam.

Iveki yesi-4

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Zintoni ezintathu ezikwibhokisi yokutya kukaThemba?
- Uyayithanda inyama/ irayisi/ama-apile?
- Ungakhetha eyiphi ibhokisi yokutya? Ngoba?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi amagama akweli phepha? (bala uqhwabe)
- Zingaphi izivakalisi? Ubona njani? (*oonobumba abakhulu, izingxi*)
- Yalatha amagama **ndiyakuthanda/Mna/ kwam**.
- Bonisa unotsheluza wegama ngalinye. Abantwana bangqamanisa oonotsheluza namagama asembhalweni baze basebenzise igama ngalinye kwisivakalisi abasithethayo.
- Xhoma oonotsheluza kudonga lwamagama.



# Mna ndiyakuthanda ukutya kwam.



**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni abayithandayo **bobabini**?
- Yekabani le keyiki?
- Ucinga ukuba kutheni eyinika amakhwenkwe le keyiki?
- Wakhe wayitya nini ikeyiki? Yayinjani incasa yayo?
- **Phinda ufunde ibali nabafundi.**

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**


- Zingaphi izivakalisi?
- Jonga ekugqibeleni kwesi sivakalisi. Isingxi sibonakala sahlukile. Olu luphawu lokukhuza. Lubonisa ukuba amakhwenkwe anemincili.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Uthanda okuphi ukutya **wena**?
- **Izibini:** Xelela iqabane lakho ukuba ungathanda ntoni kwibhokisi yakho yokutya.
- **Izibini:** Xelela iqabane lakho izinto ezimbini othanda ukuzenza esikolweni (umz. ukudlala, ukuzoba, ukucula njl.).
- Phindani nenze isicengcelezo nonke. (jonga kwiphepha 42 leNT)

# Siyayithanda sobabini ikeyiki!

# UVusi utyelela kuloSipho




**Iveki yesi-5**

**IzaKhono zoBomi**


Fundani kunye ipowusta.

- Yintoni injongo yemephu?
- Ngawaphi amagama ekufuneka uwaqonde ukuze uyilandele kakuhle imephu?
- Yintoni ejongene noSPCA?
- Likwesiphi isitalato ibala lokonwaba?

**Ufika njani kuloSipho**

1. Hamba kwiNja Sitalato ujikele ekhohlo eHagu Sitalato.
2. Jika ekunene eNkukhu Sitalato.
3. Dlula espaza ujike ekhohlo eNkomo Sitalato.
4. KuloSipho kulapha ngasekunene.

# UNgonyama noMpuku



**Iveki yesi-5**

**UkuFunda noTitshala**

Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Lithetha ngabani eli bali? (abalinganiswa)
- Lenzeka phi eli bali? (isimo sentlalo)
- Zeziphi ezinye izilwanyana ozibona kulo mfanekiso?
- Sesiphi esona silwanyana sikhulu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Phinda ufunde ibali nabafundi. Kwiphepha ngalinye yithi:
  - Zingaphi izivakalisi kweli phepha? Ubona ngantoni? (yalatha isingxi)
  - Ulipela njani igama elithi **mpuku**? (yalatha kwigama elithi **mpuku**)


UNgonyama noMpuku.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba kwakutheni ukuze uNgonyama amsindise uMpuku endaweni yokuba amtye?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi amagama akweli phepha? Uyibona ngantoni loo nto?
- Zingaphi izivakalisi ezikweli phepha? Uyibona ngantoni loo nto?



# UNgonyama unceda uMpuku.



Iveki yesi-5

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ingaba uMpuku wamnceda njani uNgonyama? Ucinga ukuba kwakutheni ukuze ancede uNgonyama?
- Bonisa unotsheluza wegama ngalinye (*nceda*, *abahlobo*, *nkulu*, *ncinci*).
  - Abafundi batshatisa oonotsheluza namagama akwitekisi.
  - Kwakhona, basebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi abasitsho ngomlomo.
  - Xhoma oonotsheluza kudonga lwamagama.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi amagama akweli phepha? Uyibona ngantoni loo nto?
- Zingaphi izivakalisi ezikweli phepha? Uyibona ngantoni loo nto?

# UMpuku unceda uNgonyama.

Iveki yesi-5

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Laphela njani ibali? (*uNgonyama noMpuku baba ngabahlobo*)
- Kutheni uNgonyama noMpuku bengabahlobo abasenyongweni nje ngoku? (*baye bancedana*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi, **ngabahlobo**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Phinda ufunde ibali kunye nabafundi.
- **Ukulinganisa:** Khawundibonise ukuba ingonyama nempuku zikhangeleka njani … zivakala njani … zihamba njani.
- Phendula le mibuzo ukuze ubalise ibali kwakhona:
  - Ngubani okweli bali?
  - Lenzeka phi ibali?
  - Kwaqala kwenzeka ntoni, kwalandela ntoni, kwathini ekugqibeleni?
  - Uyasithanda isiphelo? Ngoba?
- **Izibini:** Wakhe wanceda umntu wena? Balisela iqabane lakho.
- Phindani nenze isicengcelezo esineentshukumo ninonke. (jonga kwiphepha 62 leNT)



UNgonyama noMpuku ngabahlobo.

# Uluhlu lweyunifom yesikolo




**Iveki yesi-6**
**IzaKhono zoBomi**

Fundani uluhlu lweyunifom ninonke.

- Yintoni injongo yoluhlu?
- Ingaba isikolo sakho sinezinye izinto kuluhlu lwaso lweyunifom? (umz. ilokhwe/iimpahla zezemithambo)
- Zeziphi ezinye iintlobo zoluhlu okhe wabona abantu bezenza?

# Ubhaka wesikolo

**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Sithini isihloko (igama) seli bali?
- Liza kuba ngantoni eli bali?
- Libalisa ngabani eli bali?
- Wawukhe weva phi ngoSele Fikile ngaphambili? (*ngexesha lamabali*)
- Ngubani elinye isele? (*ngumnakwabo, uSele Simo*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Siza kuqala phi ukufunda?
- Mangaphi amagama akweli phepha?
- Yalatha igama elithi, **kubhaka**.



Ndidinga ntoni kubhaka wam?



Iveki yesi-6

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Upakisha ntoni uSele Fikile?
- Zizinto zesikolo ezi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi?
- Zingaphi izingxi?
- Mangaphi amagama kweli phepha?

# Ingubo yam. Izinto zam zokudlala. Iimpahla zam.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uzazi njani uSimo izinto amakazipakishele isikolo?
- Kutheni le nto uFikile edinga ibhokisi yeepensile esikolweni?
- Kutheni le nto uFikile edinga ibhokisi yokutya esikolweni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Mangaphi amagama kweli phepha?
- Leliphi elona gama lifutshane?
- Yalatha igama elithi, **yeepensile**.



Hayi! Ibhokisi yeepensile neyokutya.



# Ndilungele isikolo.

**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba uziva njani uFikile?
- Wawuphethe ntoni esikolweni ngosuku lwakho lokuqala?
- Ukhona umntu owakuncedisayo ukupakisha ubhaka wakho?
- Bekukho ntoni kubhaka wakho namhlanje?


**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi, **isikolo**.
- Bangaphi oonobumba begama elithi, **isikolo**?
- Ndibonise unobumba omkhulu.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- **Izibini:** Ukhumbula ntoni ngemini yakho yokuqala esikolweni? Wawuziva njani?
- **Iklasi:**
  - Ingaba libali eliyinyaniso eli?
  - Amasele ayaya esikolweni?
  - Wakhe walibona isele? Lalikhangeleka njani?
  - Aluncedo njani amasele? (*atya iimpukane*)
  - Afumaneka phi amasele?
- **Intshukumo:** Ahamba njani amasele? Sinjani isandi sawo?

# Yintoni umnyama?



Lo ngumnyama.
Singawubona phi umnyama?
Ubona yiphi imibala?

**Iveki yesi-7**
**IzaKhono zoBomi**

- Abafundi babelana ngokubona kwabo umnyama. Singafunda ntoni kula mava?
- Funda itekisi neklasi.
- Phindani nibale imibala yomnyama.

# Iikhrayoni ezintsha



**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ubona imibala emingaphi?
- Ucinga ukuba uza kuzoba ntoni uBongeka?
- **Wena** ubunokuzoba ntoni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Sithini isihloko seli bali?
- Mangaphi amagama kwisivakalisi?
- Yalatha igama elithi, **iikhrayoni**.

UBongeka uneekhrayoni ezintsha.

# “Nceda usebenzise mna!” utsho uBomvu.

**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ikhrayoni uBomvu ifuna ukuzoba ntoni?
- Yintoni enye oyaziyo ebomvu?
- Ikhrayoni uZuba ifuna ukuzoba ntoni?
- Yintoni enye oyaziyo ezuba?


**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi kweli phepha?
- Zingaphi izingxi?
- Chonga onke amagama aqala ngesandi sale veki.
- Chaza ukuba uphawu lokhuzo (!) luchaza ukuba isithethi siyakhwaza. Ukanti lungabonisa nomothuko.



# “Nceda usebenzise mna!” utsho uZuba.

"Nceda usebenzise mna!" utsho uTyheli.



"Nceda usebenzise mna!" utsho uLuhlaza.

**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ikhrayoni uTyheli ifuna ukuzoba ntoni?
- Yintoni enye oyaziyo etyheli?
- Ikhrayoni uLuhlaza ifuna ukuzoba ntoni?
- Yintoni enye oyaziyo eluhlaza?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi kweli phepha?
- Zingaphi izingxi?
- Chonga onke amagama aqala ngesandi sale veki.

# Ndiyisebenzise yonke imibala yam!

Iveki yesi-7
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uzobe ntoni uBongeka?
- Wakhe wayibona phi le nto ngaphambili?
- Biza imibala ekwiflegi.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi, **imibala**.
- Bangaphi oonobumba begama elithi, **imibala**?
- Ndibonise unobumba omkhulu.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- **Izibini:** Ngowuphi owona mbala uwuthandayo?
- **Iklasi:** Ingaba liyinyani eli bali? Utsho ngoba? Ziyakwazi ukuthetha iikhrayoni?
- **Izibini:** UBongeka waziphiwa iikhrayoni. Ingaba **wena** wakhe wafumana isipho? Sasiyintoni? Wasiphiwa ngubani? Ukuba ungazikhethela isipho, ungathanda ukufumana ntoni?



UBongeka, uneminyaka esi-7.

# Ukulala kakuhle



**Kufuneka ulale ukuze uhlale usempilweni kwaye wonwabile!**

**Udinga iiyure ezi-9 ukuya kwezi-12 zokulala ebusuku.**

## Izinto ezikunceda ukuba ulale ngcono:

- Yiya ebhedini ngexesha elinye yonke imihla.
- Yenza izinto ezizolileyo ngaphambi kwexesha lokulala (hayi izikrini zefowni/umabonakude!)
- Lala egumbini elizolileyo, elimnyama.

**Iveki yesi-8**
**IzaKhono zoBomi**

Funda umbhalo ukunye nabafundi.

- Xoxani ngokuba kutheni sisebenzisa iibhulethi xa sibhala uluhlu lwezinto okanye izinto eziyinyaniso, njenga kweli phepha nje.
- Yintoni esincedayo ukuba silale kakuhle? (*ixesha elifanayo lokulala nelokuvuka; isiqhelo senzolo ehambelana nexesha lokulala; ukulala nento yokudlala ethambileyo, njengasemfanekisweni, okanye ingubo ekhethekileyo*)
- Yintoni ephazamisa ubuthongo bakho?

# UMvundla noFudo

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngobani abalinganiswa abaphambili ababini kweli bali?
- Lwenzeka phi ugqatso?
- Kutheni uMvundla ufuna **ugqatso** nje?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Sithini isihloko seli bali?
- Mangaphi amagama kwisivakalisi?
- Yalatha igama elithi, **ugqatso**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **ugqatso**.



UMvundla noFudo baza kuba nogqatso.

# UMvundla uyakhawuleza. Ubaleka phambili.



**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kuqale kwenzeka ntoni?
- Wenza ntoni uMvundla emva koko?
- Kutheni le nto uMvundla efuna ukulala?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi kweli phepha?
- Zingaphi izingxi?
- Yalatha igama elithi, **uyakhawuleza**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **uyakhawuleza**.
- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.

# Eme, akhe alale.

# UFudo uthe chu akangxami.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ubaleka njani uFudo?
- Ingaba uFudo udinga ukulala? Ngoba kutheni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi kweli phepha? Zingaphi izingxi?
- Yalatha igama elithi, **uyacotha**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **uyacotha**?
- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.



# UFudo uphumelela ugqatso!



**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Liphela njani eli bali?
- Ingaba siyothusa esi siphelo? Ngoba?
- Ufunde esiphi isifundo uMvundla?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.
- Yalatha igama elithi, **ugqatso**.
- Ndibonise unobumba omkhulu.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Baleka ndawonye, ukhawuleze, njengoMvundla. Baleka, ndawonye, ucothe njengoFudo.
- Qhwaba ukhawuleze, njengoMvundla. Qhwaba ucothe, njengoFudo. Yenzani ezinye iintshukumo, njengokutsiba, ukuqhwanyaza, njl.
- Thelekisa uMvunda noFudo. Zoba itheyibhuli ebhodini, baze abafundi beklasi yakho bayigqibezele.

| UMvundla | UFudo |
|---|---|
| uyakhawuleza | |
| ulala kade | |
| akaluphumelelanga ugqatso | |

# Hlamba izandla zakho

1



Manzisa izandla zakho ngamanzi acocekileyo. Vala impompo ukuze wonge amanzi.

2



Simela isepha ezandleni wenze ugwebu, ukhuhle imizuzwana engama-20 (ngokulingana nexesha onokucula ngalo uMin'emnandi kuwe kube kabini).

3



Hlamba umphakathi nomphandle wezandla zakho.

4



Hlamba phakathi kweminwe.

5



Hlambisisa izandla zakho ngamanzi acocekileyo.

6




Sula izandla zakho ngetawuli.

**Iveki ye-9**
**IzaKhono zoBomi**

Fundani ipowusta kunye.

- Ucinga ukuba kutheni imifanekiso ifakwe iinombolo nje?
- Kutheni le nto kufuneka ukhuhle imizuzwana engama-20?
- Lixesha elingakanani imizuzwana engama-20?
- Siyivalela ntoni impompo emva kokumanzisa izandla zethu?

# Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!



**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**
Funda lonke ibali kunye nabafundi yonke imihla.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Hayi bo! Wenzani ngoku u-Elihle?
- Uthini umama wakhe?
- Zeziphi ezinye izilwanyana ozibonayo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Ndibonise isihloko seli bali.
- Mangaphi amagama akwisihloko? Mangaphi aqala ngoonobumba abakhulu?
- Yalatha igama elithi, **hlamba**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **hlamba**?

Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!

# Umama ukhuhla u-Elihle.

**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ucinga ukuba u-Elihle uyakuthanda ukuhlamba?
- Utsho ngoba?
- Uthini u-Elihle?


**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi iimpawu zokhuzo kweli phepha?
- Yalatha igama elithi, **ukhuhla**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **ukhuhla**?
- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.



# "Awu! Awu! Awu!" uyakhala u-Elihle.

# Umama uhlambisisa u-Elihle.



**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kwenzeka ntoni apha?
- Ukhalela ntoni u-Elihle?
- Uthini?
- Kubaluleke ngantoni ukuhlambisisa?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi iimpawu zokhuzo kweli phepha?
- Yalatha igama elithi, **uhlambisisa**. Bangaphi oonobumba begama elithi, **uhlambisisa**?
- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.

"Yho! Yho! Yho!"
uyakhala u-Elihle.

# Umama usula u-Elihle.
# “Mmmm,” utsho u-Elihle.

**Usuku loku-1:** Ingqiqo


- Wonwabile ngoku u-Elihle?
- Utsho ngoba?
- Uthini u-Elihle?
- Zeziphi izinto ezintathu azisebenzisileyo umama xa ecoca u-Elihle?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Zingaphi izivakalisi kweli phepha?
- Sesiphi isivakalisi esinawona magama maninzi?
- Yalatha igama elithi, **usula**. Bangaphi oonobumba kulo?
- Chonga amagama aqala ngesandi sale veki.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- **Ingxoxo yeklasi:**
  - Bangcoliswa yintoni abantwana nezilwanyana?
  - Uyazihlamba wena okanye kukho umntu okuncedayo?
  - Uziva ngcono xa ucocekile? Ngoba kutheni?
- **Intshukumo: Ukucoceka**
  - Yenzani ngathi ningabantwana bendlovu. Sebenzisani “imiboko” yenu (iingalo). Qala ngokuzikhuhla … zihlambisise ngamanzi abandayo … ngoku ke zosule ngetawuli enkulu emfumamfuma. Sebenzisa ubuso bakho undibonise ukuba uziva njani.



# U-Elihle ucocekile kwakhona.

